Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
JULAYI 2024

P.O. Box 20, Hermanus 7200

Telephone
Hermanus 028 313 8000
Gansbaai 028 384 8300
Kleinmond 028 271 8400
Stanford 028 341 8500

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

#overstrand4all *Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni* #C4ourself

UNGQINELWANO LWEENDLEKO LUTHELEKISWA NENGENISO

IMirhumo neeRhafu ziza kunyuswa ngomyinge ophakathi kweepesenti ezi-6 nezili-11

UMBA	% YOKUNYUSWA	QAPHELA
Umbane	10.04% Uvunywe yiNERSA	Inkxaso-mali elandelayo ebhekiselele ***kwiinkonzo eziyimfuneko*** iya kusebenza kubo bonke ababhalise njengabahlwempuzekileyo ikho kuvimba woMasipala wase-Overstrand: • I-100% lerhafu yesiseko yombane yendawo enye yenkonzo ngenyanga • I-100% lerhafu yesiseko yamanzi yendawo enye yenkonzo ngenyanga • I-100% lerhafu yesiseko yokuhanjiswa kwamanzi amdaka nelindle yendawo enye yenkonzo ngenyanga • I-100% yenkonzo enye yelori yetanki lamanzi lasemva kweeyure zomsebenzi ngonyaka • I-100% lerhafu yesiseko yokuthuthwa kwenkunkuma yendawo enye yenkonzo ngenyanga • Ama-70 Kwh ombane osimahla kwibloko yomrhumo we-0-350 ngenyanga • I-10 kℓ lamanzi asimahla kwikhaya elisebenzisa isi-7 kℓ kunye nesi-7 kℓ zamanzi kulung iselelwa iinjongo zokuhanjiswa kwamanzi amdaka nelindle
UkuThuthwa kweNkunkuma	11%	
Ukuhanjiswa kwamanzi amdaka	8.9%	
Amanzi	6%	
Iirhafu zepropati	8%	Izaphulelo ezilandelayo zisebenza kuzo zonke iipropati zokuhlala: 1. I-R15 000 kwixabiso elirhafiswayo lepropati 2. Isaphulelo esongezelelweyo sama-R35 000 kwiipropati zokuhlala ezivunyiweyo 3. Isaphulelo esingaphezulu sama-20% kwirhafu yepropati ebaliweyo ukuba ngaba iipropati eziphuculweyo zisetyenziselwa iinjongo zokuhlala kuphela

Qaphela okokuba abathathe umhlala-phantsi, abakhubazekileyo, amafama angabanini abathembekileyo naqhuba ushishino lwezakhiwo ezibhalisiweyo njenge-B&B/njengezindlu zengqeshiso zokuhlala kweendwendwe banakho ukufaneleka okokuba bafumane izaphulelo zeerhafu zepropati. Khangela iinkcukacha kwenye indawo.

IBHUNGA LAMKELE UHLAHLO LWABIWO-MALI LUKAMASIPALA LOWAMA-2024/25

"INDLELA ENTSHA YOKUPHILA" INYANZELISA UKUNYUSWA KWEMIRHUMO NEERHAFU

Ngethuba lentlanganiso eyodwa ebingolwesiHlanu, umhla wama-31 kuMeyi 2024, iBhunga lamkele uhlahlo lwabiwo-mali loMasipala wase-Overstrand kunye nemirhumo yonyaka-mali wama-2024/2025 ngokunjalo nesiCwangciso esihlaziyiweyo esiHlanganeyo soPhuhliso esihamba nalo.

Olusebenza ukususela ngomhla woku-1 kuJulayi, uhlahlo lwabiwo-mali lowama-2024/2025 lubonisa uhlahlo lwabiwo-mali lwenkcitho yokusebenza (kubandakanywa izinto ezingeyiyo imali ezinkozo ezifana nokuhla kwexabiso) olusisixa-mali esingamawaka ezigidi esi-R1.944 kunye nohlahlo lwaniwo-mali lwengeniso olupheleleyo (kungabandakanywa iminikelo yempahla enkulu efunyenweyo) oluxabisa amawaka ezigidi esi-R1.837. Oku kushiyeka intsilelo yobalo-mali lwezigidi ezili-R106.9.

Kwintetho yakhe yohlahlo lwabiwo-mali, uSodolophu weSigqeba, uGq, Aannelie Rabie, ubulele bonke abathe bathabatha inxaxheba ze basebenza ngokuzilahlela ukuqukumbela i-IDP kunye nohlahlo lwabiwo-mali lowama-2024/25.

"Eyona nto siyincoma ngakumbi yinto yokuba bonke abathe bathabatha inxaxheba bayayiqonda into yokuba sijongene nobomi obutsha apha nento yokuba ukuba uMasipala wase-Overstrand kufuneka egcine indawo yakhe ezinzileyo kwisithuba sexesha elide, esijolise kuko kufuneka ibe kukubeka phambili iimfuno ezinyanzelekileyo nokugcinwa kweendleko ezinxulumene nokunikezelwa kweenkonzo eziyimfuneko," utshilo uSodolophu.

"Kungoko, ubuninzi bohlahlo lwabiwo-mali lwempahla ezinkulu (R184.6 isigidi) buya kuya kuhlaziyo okanye kulungiso lwezibonelelo zeenkonzo eziyimfuneko.

"Le meko yokuphila ikhoyo, ngoko, yeyokuba malunga nepesenti ezingama-64.5 zolu hlahlo lwabiwo-mali ziya kuhlawulwa ngeengxowa-mali zakhe, ngokuthambekele kwinto yokuba iminikelo epheleleyo ehlawulwe noorhulumente bobabini owesizwe nowephondo ihlile ngezigidi ezimalunga ne-R11.698 ukususela kunyaka ongaphambili.

"Ngaphezulu koku, imiba yeendleko emininzi engalawulekiyo ebalelwa kwimpembelelo yokucinywa komlilo (umz., ipetroli, ulolongo, intlawulo yokusebenza emva kwexesha elimiselweyo) okube nempembelelo ethe ngqo kunikezelo lwenkonzo olulundoloza iindleko lweenkonzo ezine zesiseko (amanzi, umbane, ukuhanjiswa kwenkunkuma nokwamanzi amdaka) "Ngokuthambekele kwesi simo, ukuba ngaba i-Overstrand iza kugcina inqanaba layo njengecandelo elizinzileyo, elifanelekileyo, asisayi kuba nayo enye indlela ngaphandle kokusebenzisa oovimba bethu bemali ezinkozo ukuxhasa ngemali ngokungaphelelanga iiprojekti ezibalulekileyo ezinkulu.

"Ulwakhiwo lwabo vimba baxhomekeke kuthi ngokuphucula ubume bethu bemali ngokubhekiselele ekunikezelweni kweenkonzo zesiseko.

"Ngaphandle kwezi nzame zokuthantanyiswa kweendleko zokunikezelwa kweenkonzo zesiseko kuthelekiswa nengeniso, ukunikezelwa kweenkonzo zokuhanjiswa kwamanzi amdaka zisabonakalisa intsilelo yezigidi ezili-R142.478 kunye neenkonzo zolawulo lwenkunkuma ezinentsilelo ezizigidi ezi-R2.508.

"Ngokucacileyo, esi simo kuya kufuneka sibekwe iliso ngokungqongqo kwiminyaka ezayo, kodwa qaphela into yokuba izicwangciso ezininzi sele zikho zokunciphisa uxhomekeko kwamakhaya kwiinkonzo zeetanki.

"Siyazi sonke ngokunjalo impembelelo engakho kukunyuswa okungakho kweendleko zombane kumakhaya kunye nakumashishini, kungachatshazelwanga umbodamo obangelwa kukucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso.

"Kule meko, emva kokuba kujongwe zonke iinkalo, iBhunga linembono yokokuba iqhinga lalo elicetywayo lombane ohlaziyiweyo yeyona ndlela ilungileyo okwakaloku nje, utshilo uSodolophu. Ukuqukumbela, unike ingqinisekiso yokokuba uMasipala wase-Overstrand uya kuqhubeka ngokunikezela ngoncedo kumaqela asesichengeni yaye abongoze kubo bonke abafanelekileyo okokuba bafumane iinkonzo ezixhaswa ngemali zikamasipala kunye nezaphulelo zemali okokuba babhalise ngokunjalo kuvimba kamasipala ngokukhawuleza.

Ukulungiselela ukuzenza lula izinto, iinkcukacha ezifinyeziweyo kuhlahlo lwabiswo-mali zinikezelwe kwelinye icala lephepha kunye nesishwankathelo soncedo esifumanekayo kubantu/kumaqumrhu afanelekileyo. Ukuba ngaba ufuna ukuhlola intetho yohlahlo lwabiwo-mali lukaSodolophu Rabie ngokupheleleyo, sebenzisa olunxibelelwano: https://www.overstrand.gov.za/council-approves-municipal-budget-for-2024-25/

UKUTHINTELWA KWEMPEMBELELO YOKUNYUSWA KWEMIRHUMO NEERHAFU

Kwakuba kuchazwe isidingo sokuthantanyiswa kwenkcitho kuthelekiswa ngengeniso, uSodolophu Rabie uqhubeke ngokunkia ingqnisekiso yokuba izicwangciso ezininzi sele zikho ukuthintela impembelelo ka-Eskom ekukhangeleka njengokunyanzelwa okunganikwanga ngqwalasela kokunyuswa kwamaxabiso ngokubanzi (*khangela IQhinga loMbane oHlaziyiweyo*). Ukhuthaze bonke abafanelekileyo ukuba bafumane inkxaso yokuhlwempuzeka okokuba babhalise kuvimba kaMasipala wase-Overstrand kwamsinyane. UMasipala wase-Overstrand uhlaziye ngokunjalo imigaqo-nkqubo yakhe yesaphulelo semali esikhoyo kwabathathe umhlala-phantsi/kwabakhubazekileyo; abasebenzisi beendawo zokuhlala ezibhalisiweyo; kunye namafama abanyanisekileyo (khangela iinkcukacha ezipapashwe kwenye indawo).

UHLAHLO LWABIWO-MALI LOWAMA-2024/2025 NGOKUFUTSHANE

Uhlahlo lwabiwo-mali lwengeniso (kungabandakanywa iminikelo yempahla ezinkulu) luthelekiswa nenkcitho yokusebenza eqikelelweyo

Uhlelo olusebenzayo	Ingeniso	Inkcitho
Ukuphatha nolawulo	R534.699 izigidi	R247.182 izigidi
Uluntu kunye nokhuseleko loluntu	R193.553 izigidi	R353.370 izigidi
Iinkonzo zoqoqosho nezendalo	R14.207 izigidi	R219.096 izigidi
Iinkonzo zoshishino	R1.160 amawaka ezigidi	R1.120 amawaka ezigidi
Ezinye	–	R3.923 izigidi
ZIZONKE	R1.837 amawaka ezigidi	R1.944 amawaka ezigidi
		Intsilelo ekhoyo = R41.415 m

UKWENZIWA KWESICELO SOMRHUMO *"KWIIFAMA"*

Ipropati zolimo ziya kurhafelwa ngomrhumo "weeFAMA", kuxhonyekekwe kumnini/kumfama onikezela ngobungqina kumasipala bokokuba ipropati isetyenziselwa iinjongo zolimo ezinyanisekileyo. Ukufuya okunyanisekileyo kuthetha umhlaba wolimo usetyenziselwa kakhulu iinjongo zolimo. UMasipala wase-Overstrand udinga isibhengezo esivela kumnini/kumfama njengobungqina bayo nayiphi na ifama okanye isahlulo sefama. Qaphela okokuba ifom yesicelo eyodwa ***kufuneka*** izaliswe kulungiselelwa isahlulo ngasinye. **Ngaphezulu, izicelo ziya kuqwalaselwa kuphela ukuba ngaba ipropati ehlelwe njengeRESO, ngamanye amazwi ingaphandle kommandla wenkonzo kamasipala**. Nceda uthumele ifom ezalisiweyo kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za okanye uyingenise ngesandla kwi-ofisi yolawulo yakho ekufutshane. Uze ukhululeke ukuqhagamshelana nathi ukuba ngaba udinga uncedo lokuzalisa ifom yesicelo.

Izicelo kufuneka zifunyanwe ngokufanelekileyo ngomhla **wama-20 kuJulayi**, kodwa ngokuqinisekileyo zingangeni emva komhla **wama-30 kuSeptemba**.

78.6% OF R184.6 M CAPITAL BUDGET EARMARKED FOR BASIC SERVICES



Ngaphandle kwezigidi ezisi-R9.9 ezabelwe uhlaziyo lweSakhiwo seMidlalo eHawston, ubuninzi benkcitho kwiiprojekti ezinkulu ezicwangciselwe unyaka-mali wama-2024/25 buya kubhekiselela kukufakelwa kombane kwizindlu zamaxabiso aphantsi (izigidi ezingama-R22.3) nokunikezelwa kweenkonzo kuloo mimandla (izigidi ezili-R13.1).

Izigidi ezingaphezulu ezili-R11 ziya kubhekiswa kuhlaziyo lwezitishi zokumpompa nokunyuswa kweentambo, kunye nezongezelelo sezigidi ezili-R10.7 ezichongelwe ukulungiswa/ukuhlaziywa lwemisebenzi yonyango lwamanzi amdaka eKleinmond.

UKUCETYWA KWEQHINGA LOMBANE OHLAZIYIWEYO

Ngokunxulumene nezithintelo ezikhoyo ezicamngciweyo kunye nemiba ephathelele kushishino lombane ohlaziyiweyo, uMasipala wase-Overstrand ugqibe ngoku kulandelayo:

- Njengoko umgaqo-nkqubo kunye nesakhelo somrhumo esilungiselelwe **uveliso olwendelelisiweyo olukwinqanaba eliphantsi (SSEG)** sele lukho, umasipala uya kuqhubeka ukujolisa ngendlela iiyunithi ezingaphazulu zingabuyiselwa ngayo kuthungelwano lukamasipala.
- Ngokusekwe kwiimfuno zekhono elikhoyo likaMasipala wase-Overstrand, ukutyala imali ekuselweni **koMvelisi woMbane oZimeleyo** akunakho ukunginiseka. Kungoko indlela enjalo kufuneka iqwalaselwe kuphela xa ushishino sele luphuhlise iqhinga elivumela ii-IPP okokuba zibonelele ummandla wonke, kunokubonelela ukasipala omnye
- ENangona **i-wheeling** eyenziwa ngohambelwano kunye nokuvunywa kwabavelisi/abathengisi bombane besebenzisa uthungelwano lukamasipala kubonakala kuvelisa imingeni efanayo kunye nezo IPP zijongene nayo, umasipala unembono yokokuba ukulandela le ndlela kuya kuba yindlela elungileyo emayilandelwe.

IINKCUKACHA ZEBANKA EZINTSHA ZIKAMASIPALA

Ukususela kumhla woku-1 kuJulayi 2024, uMasipala wase-unee-akhawunti zehanka ezintsha. Oku kwenzeke kuba abanikezeli benkonzo yokubhankisha bakamasipala baqeshwa ngokuhambelana nezivumelwano zethenda zeminyaka emihlanu, yaye iBhanka yakwa-ABSA iyifezekisile imiqathango ekhoyo yethenda kunye neemfuno.

Ngeli thuba ii-akhawunti ezindala ziza kusala zisavulekile okwethutyana, sikhuthaza ngamandla bonke abahlawuli berhafu okokuba baguqukele kwii-akhawunti ezintsha ngokukhawuleza.

- Ukuba usebenzisa indlela yokuxhuzulwa kwemali kwi-akhawunti yakho yebhanka ukuhlawula i-akhawunti yakho kamasipala, iinkcukacha zebhanaka ziya kuhlaziywa yibhanka.
- Ngokunjalo, abo bathengi basebenzisa u-EASYPAY, PAY@ okanye uSAPO ukuhlawula ii-akhawunti zabo kudingeka okokuba nje banikezele ngengxelo entsha yabo kamasipala kwindawo yentlawulo.
- Ngoko, ukuba ngapha usebenzisa i-intanethi ukuhlawula i-akhawunti yakho kamasipala, nceda ucime umamkeli omdala ze uyile omtsha ngokweenkcukacha ezinikezelwe ngasezantsi.

Ukukhangela ngokulula, i-akhawunti yakho kamasipala yarhoqo ngenyanga iya kubonisa kwixa elizayo iinkcukacha ezintsha zebhanka yoMasipala wase-Overstrand.

Iinkcukacha ezintsha zinjengoku kulandelayo:

I-AKHAWUNTI EYINTLOKO

Sebenzisa le akhawunti ukwenza iintlawulo NGOKUBANZI (umz., ukuhlaziywa kwamapheph-mvume, izicwangciso zokwakhiwa kwezakhiwo, izohlwayo zolwaphulo-mthetho ezingezizo ezezithuthi, iziza zokungcwaba nezinto ezinjalo)

- Igama le-akhawunti: uMasipala wase-Overstrand
- Uhlobo lwe-akhawunti: yiTshekhi
- Inombolo ye-akhawunti: 3220000035
- Igama lesebe: Public Sector: Western Cape
- Ikhowudi yesebe: 632005
- Ikhowudi yeSwift: ABSAZAJJ
- Isikhombisi: Njengoko inikezelwe ngumntu ekuqhagamshelwana naye

II-AKHAWUNTI YEZOHLWAYO ZEZITHUTHI

Le akhawunti yeyodwa ebekelwe intlawulo yezohlwayo zezithuthi.

- Igama le-akhawunti: uMasipala wase-Overstrand
- Uhlobo lwe-akhawunti: yiTshekhi
- Inombolo ye-akhawunti: 4114285376
- Igama lesebe: Public Sector: Western Cape
- Ikhowudi yesebe: 632005
- Ikhowudi yeSwift: ABSAZAJJ
- Isikhombisi:Inombolo yesohlwayo sesithuthi

I-AKHAWUNTI YEERHAFU

Sebenzisa le akhawunti ukuhlawulela ULUNGISELELO (okt., amanzi, umbane, uhanjiso lwamanzi amdaka nenkunkuma) kunye neerhafu zepropati.

- Igama le-akhawunti: uMasipala wase-Overstrand
- Uhlobo lwe-akhawunti: yiTshekhi
- Inombolo ye-akhawunti: 4066578021
- Igama lesebe: Public Sector: Western Cape
- Ikhowudi yesebe: 632005
- Ikhowudi yeSwift: ABSAZAJJ
- Isikhombisi: inombolo enamanzni ali-12 njengoko kubonisiwe kwingxelo

I-AKHAWUNTI YE-ONRUS CARAVAN PARK

Le akhawunti yeyodwa yokuhlaweulela imirhumo yokukampisha kwi-Onrus Caravan Park.

- Igama le-akhawunti: uMasipala wase-Overstrand
- Uhlobo lwe-akhawunti: yiTshekhi
- Inombolo ye-akhawunti: 4114285384
- Igama lesebe: Public Sector: Western Cape
- Ikhowudi yesebe: 632005
- Ikhowudi yeSwift: ABSAZAJJ
- Isikhombisi: Inombolo yokubhukisha

Ukuba ngaba unemibuzo ngokuphathelele kwiinkcukacha ezintsha zebhanka, nceda utsalele umnxeba kule nombolo 028 313 8000 okanye uthumele I-Imeyile kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za.

ZIYA KUJONGEKA NJANI II-AKHAWUNTI ZIKAMASIPALA ZENYANGA ZIKA-KA-2024/2025

(Ireyithi ye-SRA njengoko inokusebenza ukuba yongezwe)

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2024/2025

Usetyenziso oliphezulu lombane lweemitha ezihlawulelwa kwangapham-bili Ixabiso: R3 500 000	Unyaka 2023/24	Unyaka 2024/25	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Rates	968,30	1 045,76	77,46	8,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu SE7A1+SE8A	381,06	414,97	33,91	8,90
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	53,54	53,54	0,00	0,00
Inkukuma 1x ngeveki	228,00	253,08	25,08	11,00
Amanzi 20 kℓ	432,80	458,77	25,97	6,00
INXENYE IYONKE	2 063,70	2 226,13	162,43	7,87
iVAT 15%	164,31	177,05	24,36	14,83
IYONKE	2 228,01	2 403,18	186,79	8,38

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2024/2025

Usetyenziso kuqoqosho oluphantsi (ubuhlwempu) Ixabiso: R50 000	Unyaka 2023/24	Unyaka 2024/25	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Rates	0,00	0,00	0,00	0,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu SE7A1	0,00	0,00	0,00	0,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	41,70	41,70	0,00	0,00
Inkukuma 1x ngeveki	0,00	0,00	0,00	0,00
Amanzi 6 kℓ	0,00	0,00	0,00	0,00
INXENYE IYONKE	41,70	41,70	0,00	0,00
iVAT 15%	6,26	6,26	0,00	0,00
IYONKE	47,96	47,96	0,00	0,00

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2024/2025

Usetyenziso oluphakathi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R2 500 000	Unyaka 2023/24	Unyaka 2024/25	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Rates	687,63	742,64	55,01	8,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu SE7A1+SE8A	322,65	351,36	28,72	8,90
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	53,54	53,54	0,00	0,00
Inkukuma 1x ngeveki	228,00	253,08	25,08	11,00
Amanzi 15 kℓ	332,33	352,27	19,94	6,00
INXENYE IYONKE	1 624,15	1 752,89	128,75	7,93
iVAT 15%	140,48	151,54	19,31	13,75
IYONKE	1 764,63	1 904,43	148,06	8,39

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOSHISHINO NGOWAMA-2024/2025

Ushishino - luphakathi (isigaba - zintathu) Ixabiso: R3 200 000	Unyaka 2023/24	Unyaka 2024/25	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Rates	1 964,80	2 121,98	157,18	8,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu SE7A1+SE8A 1	447,82	487,68	39,86	8,90
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	53,54	53,54	0,00	0,00
Inkukuma 1x ngeveki 3	684,00	759,24	75,24	11,00
Amanzi 20 kℓ	513,64	544,46	30,82	6,00
INXENYE IYONKE	3 663,80	3 966,90	303,10	8,27
iVAT 15%	254,85	276,74	45,46	17,84
IYONKE	3 918,65	4 243,64	348,56	8,89

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - INDAWO YOKUHLALA ENYE NGOWAMA-2024/2025

Usetyenziso oluphantsi lombane lweemitha zombane ezihlawulelwa kwangaphambili Ixabiso: R1 000 000	Unyaka 2023/24	Unyaka 2024/25	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Rates	266,63	287,96	21,33	8,00
Ugutyulo* Ikhowudi yeRhafu SE7A1+SE8A	322,65	351,36	28,72	8,90
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	53,54	53,54	0,00	0,00
Inkukuma 1x ngeveki	228,00	253,08	25,08	11,00
Amanzi 15 kℓ	332,33	352,27	19,94	6,00
INXENYE IYONKE	1 203,15	1 298,21	95,07	7,90
iVAT 15%	140,48	151,54	14,26	10,15
IYONKE	1 343,63	1 449,75	109,33	8,14

IBHASIKITHI YENYANGA YEERHAFU - IZIZA EZINGENANTO NGOWAMA-2024/2025

Umyinge wovavanyo Ixabiso: 250 000	Unyaka 2023/24	Unyaka 2024/25	isixa-mali	% Ukunyusa/ Ukwehla
Intlawulo Ukufumaneka	131,56	142,09	10,53	8,00
Ugutyulo olungathungelwa Ukufmaneka	147,39	160,51	13,12	8,90
Inkukuma Ukufumaneka	113,99	126,53	12,54	11,00
Umbane Ukufumaneka	504,90	578,11	73,21	14,50
Amanzi Ukufumaneka	165,74	175,68	9,94	6,00
Intlawulo esisiseko yezixhobo zamanzi, umbane nogutyulo	53,54	53,54	0,00	0,00
INXENYE IYONKE	1 117,12	1 236,46	119,34	10,68
iVAT 15%	147,83	140,08	17,90	12,11
IYONKE	1 264,96	1 376,54	137,24	10,85

IZAPHULELO EZILUNGISELELWE ABANTU ABATHATHE UMHLALA-PHANTSI NABAKHUBAZEKILEYO

Ngokusekwe kwingeniso yekhaya engekaxhuzulwa irhafu yarhoqo ngenyanga, yomnini wepropati othathe umhlala-phantsi nokhubazekileyo abafanelekileyo abafanele ukufumana isaphulelo semali kwiirhafu zepropati.

"Ingeniso yekhaya engekaxhuzulwa irhafu yarhoqo ngenyanga" ithetha ingeniso yabo bonke abantu abaqhele ukuhlala kwipropati engumphumela kwimivuzo, kwizahlulo, kumhlala-phantsi, kwiminikelo yokukhubazeka, kwirhente, kwintlawulo yokuhlala, kwinzala efunyenweyo, kukhutshelo lwesakhiwo/kwidipozithi nayo nayiphi na ingeniso yotyalo-mali.

Ukufaneleka okokuba ufumane isaphulelo, umnini wepropati kufuneka:

- kufuneka ube ngummi woMzantsi Afrika;
- uhlala kwipropati njendawo yakhe yokuhlala (ukungabikho kwipropati isithuba esiyokutsho kwiinyanga ezintathu ngonyaka akusayi kuthatyathelwa ingqalelo ngeenjongo zale mfuneko), ngaphandle kwemeko apho umnini akakwazi ukuhlala kwipropati ngeemeko ezingaphaya kwamandla akhe, umyeni okanye inkosikazi okanye abantwana abaselula banakho ukuzifezekisa iimfuno zokuhlala kuloo propati;
- kufuneka ube neminyaka ubuncinane engama-60 ubudala okanye ube ufumana umhlala-phantsi wokukhubazeka ovela kuRhulumente;
- kufuneka abe ufumana ingeniso yarhoqo ngenyanga engadlulanga kwi-R17 440.00; yaye
- angabi ngumnini weepropati ezingaphantsi kwenye.

IIPESENTI ZESAPHULELO SEMALI EZISEBENZAYO: 1 KUJULAYI 2024 – 30 KUJUNI 2025

Iipesenti zesaphulelo semali zisekwe kunyino olubekiweyo lwengeniso yekhaya engekaxhuzulwa rhafu yarhoqo ngenyanga. Ngokufanelekileyo, abantu abathathe umhlala-phantsi nabakhubazekileyo abavunyiweyo ngokwemiqathango yomgaqo-nkqubo woMasipala wase-Overstrand banakho ukufaneleka kwizaphulelo ezilandelayo:

Ingeniso yekhaya enyiniweyo engekaxhuzulwa rhafu yarhoqo ngenyanga	Ipesenti yesaphulelo	Indlela yokukhetha eyangezelelweyo yokufaneleka
R4 360 (i.e. 2 x umhlala-phantsi woluntu warhoqo ngenyanga oxhaswa ngemali ngurhulumente)	100%	Ayikho
R8 720 (i.e. 4 x umhlala-phantsi woluntu warhoqo ngenyanga oxhaswa ngemali ngurhulumente)	70%	Ayikho
R17 440 (i.e. 8 x umhlala-phantsi woluntu warhoqo ngenyanga oxhaswa ngemali ngurhulumente)	40%	Abenzi bezicelo kufuneka babe ngaphezulu kweminyaka engama-60 ubudala

Ukwenza isicelo, izicelo (kunye namaxwebhu afunekayo) kufuneka zithunyelwe kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za okanye zingeniswe kwi-ofisi yolawulo ekufutshane kungadlukanga umhla wama-30 kuSeptemba.

Kule meko, qaphela okokuba ubungqina belungelo lokuhlala okanye ubungqina bokutyunjwa njengomabi mafa okanye umlawuli welifa lobhubhileyo buya kuthatyathwa njengobungqina bobunini kwiinjongo zesicelo sesaphulelo semali. Kwiimeko ezifana nezi, umenzi wesicelo kufuneka angeniseingxeloefungelweyookanyeiletaevelakuMasterweNkundlaePhakamileyoukungqinelailungelo lakhe okanye ukuqeshwa kwakhe.

Qaphela, ngokunjalo, okokuba ukungeniswa kwesicelo akusayi kuba nomphumela wesaphulelo yaye uMasipala wase-Overstrand unelungelo, kwimeko yokumelwa ngokungekho mthethweni okanye ubhengezo olungenanyaniso, ukwala ukuvumela isaphulelo, ukufumana kwakhona zonke izaphumelo esele zinikezelwe nokumilisela intshukumo efanelekileyo esemthethweni ukuba kuyimfuneko.

Umlinganiselo omtsha womrhumo wombane wama-2024/2025

(Uvunywe yiNERSA)

Umlinganiselo omtsha womrhumo wombane wama-2024/2025

0 – 350 liyunithi = 2.3038 (kubandakanywe nevat) ngeyunithi nganye
350 liyunithi = R806.33

351 – 600 liyunithi = 3.1502 (kubandakanywe nevat) ngeyunithi nganye
250 Units = R787.55

600+ liyunithi = 4.2522 (kubandakanywe nevat) ngeyunithi nganye

Amahlwempu ngoku afumana iiyuniithi **ezingama-70 ezisimahla** yaye banganakho ukuthenga iiyunithi ezingama-430:
280 liyunithi = R 645.06
150 liyunithi = R 472.53
Total = R1 117.59

ISICELO SESAPHULELO KWIIRHAFU ZEPROPATI: IZINDLU ZENGQESHO YENDAWO YOKUHLALA KUNYE NEZAKHIWO ZE-B&B

Izakhiwo ezibhalisiweyo zendawo yokulala nokufumana isidlo sakusasa kunye nezindlu zengqesho yendawo yokuhlala ezinamagumbi aqeshisayo amathathu (3) ukuya kwamahlanu (5) anakho ukwenza isicelo zezaphulelo ezilandelayo kwirhafu yepropati ngokusekwe kumahluko phakathi kwemirhumo yeshishini neyendawo yokuhlala:

- 3 x amagumbi aqeshisayo: 75%
- 4 x amagumbi aqeshisayo: 50%
- 5 x amagumbi aqeshisayo: 25%

Qaphela okokuba igumbi elinye (1) kunye namagumbi amabini (2) awasathatyathwa "NJENGESHISHINI" yaye, ngoko, akekho lungelweni lokufumana izaphulelo. Nceda thumela isicelo sakho kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za okanye uyingenise kwi-ofisi yolawulo yakho ekufutshane. Isithuba sesicelo sivuleke ukususela ekupheleni kukaJulayi yaye sivalwa ngomhla wama-**30 kuSeptemba**. Akukho zicelo ziya kwamkelwa emva kwangoko.

ULITYAZISO KUKUKHUTSHWA KWEE-AKHAWUNTI

Uya kuqwalasela into yokuba i-akhawunti kamasipala yakho yarhoqo ngenyanga ekaJuni ifike emva kwexesha. Oku kubangelwa ziinkqubo zobalo-mali ezithe azalandelwa ukuvala unyaka-mali wama-2023/24.

UMasipala wase-Overstrand ungxengxezela nayiph na ingxaki ethe yenzeka yaye ebongoza bonke abo bahlawuli berhafu bangekazifumani ii-akhawunti zabo zikaJuni okokuba bazise iSebe lezeMali.

Thumela nje lula i-imeyile kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za uchaze inombolo yakho ye-akhawunti kamasipala ze ucele okokuba ingxelo yakho kaJuni ithunyelwe kamsinyane.

Nceda uqaphele, ngokunjalo, okokuba unyuso lonyaka kwiirhafu kunye nemirhumo luya kunonakala kwi-akhawunti yakho kaJulayi, ukuze ihlawulwe ngomhla wama-20 ku-Agasti.

UKUBEKWA KWELISO KWIINDLEKO EZINXULUMENE NABASEBENZI

Inkcitho yokusebenza epheleleyo exabisa ama-30.86%, umvuzo wabasebenzi boMasipala wase-Overstrand kunye nooceba uzinze kwisithethe seCandelo loLawulo-mali leSizwe esingama-25-40%.

Emva kokuvunywa kutsha nje kwesakhelo esihlaziyiweyo sezithuba zombutho esingena ngokwakaloku nje kwicandelo lalo lokuqala lomiliselo, zonke izithuba ezingazaliswanga zabasebenzi ziya gcinwa zingazaliswanga okwakaloku nje.

Ibhunga liyiqond ngokupheleleyo into yokuba iintlawulo zokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo zinyuke kakhulu xa kuthelekiswa neminyaka edlulileyo.

Oku kunakho ukubalelwa kodwa ngokungaphelelanga kwizehlo ezivela kwiintlekele zendalo ezisandula ukubakho ezithe zavelela i-Overstrand kunye nesidingo sokulungiswa kwemiba ebalulekileyo ethe yavela ngenxa yokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso.

Njengoko inkqubo sele imiliselwe yokugcinwa kweendleko zokusebenza ngaphezulu kwexesha elimiselweyo, umasipala unembono yokokuba isimo siya kuzinza kwamsinyane.

ITHALA LEENCWADI LASEGANSBAAI

Isithuba seeveki ezimbalwa, abasebenzisi bethala leencwadi bafumanise **iTHALA LEENCWADI LASEGANSBAAI** lithande ukuba nengxolwana kunye nothulana kunoko bebekulindeli. Ingxakana nangona, ithala leencwadi lizamile okokuba lihlale lisebenza ngokupheleleyo ngeli thuba kufakelwa indawo yokuphuma okukhawulezileyo ngoxakeka ngenjongo zokuzalisekisa imithetho yempilo nokhuselo kuyaqhutywa. Ngokubulela, inzolo eqhelekileyo nokuthula kubuyiselwe esiqhelweni.